



Inkqubo yamakhaya nesikolo – iphepha lemibuzo lootitshala – nomqeqeshi

Igama: _____

Nceda ugqibezele eli phepha lemibuzo emva koqeqesho. Phawula ikholamu efanelekileyo, uze ubhale isizathu sempendulo nganye yakho.

	Ndiyavuma	Andivumi	Chaza impendulo yakho
1. Uphuhliso lokufunda nokubhala luqala kwiBanga lokuQala.			
2. Abantwana bangazama ukuthetha ngakumbi ukuba abazali bengabamamela ngenyameko kwaye babaphendule.			
3. Ukusebenzisa ulwimi lweenkobe ekhaya kuza kunika abantwana isiseko esisiso sokufunda iilwimi ezongezelelweyo.			
4. Abantwana kufuneka bakhuthazwe ukuba bathethe kuphela ulwimi lwasesikolweni ekhaya.			
5. Ukuthetha ngeengcina, iimvakakelelo okanye iziganeko ezidlulileyo zakha ulwimi olubalukileyo ekufundeni esikolweni.			
6. Usamdlalo/ukudlala ukuzenzisa kunceda abantwana ukuba bakhulise kakhulu ulwimi oluntsonkothileyo nolungabonakaliyo.			
7. Abantwana kufuneka bakhuthazwe ukuba babuze baze baphendule imibuzo ngendlela ekhululekileyo.			
8. Iingoma, izinqqisho nezicengcelezo, zinika umdla kodwa azibalulekanga ekufundweni kolwimi, ukufunda nokubhala.			
9. Abantwana akuvumelekanga ukuba babuze imibuzo okanye babelane ngeembono zabo ngelixa umntu omdala efunda ibali.			
10. Ukufundela abantwana kubanceda ekubeni babengabafundi abagqibeleleyo.			



Inkqubo yamakhaya nesikolo – iphepha lemibuzo lootitshala – nomqeqeshi

	Ndiyavuma	Andivumi	Chaza impendulo yakho
11. Abantwana abancinci kufuneka bakhuthazwe bafunde/balingise ukufunda phambi kokuba baqale isikolo.			
12. Imidlalo enoonobumba nezandi inceda umntwana ukuba abengumfudi nombhali ogqibeleleyo.			
13. Ukunceda abantwana ukuba baqaphele ukuba okubhaliweyo okubangqongileyo (ngaphakathi nangaphandle) kuyinxenye ebalulekileyo yokufunda ukufunda nokubhala.			
14. Umntwana onengxaki yokuva ubanayo ingxaki ekufundeni.			
15. Ukuzoba okukhululekileyo yinkcitha xesha kwaye makungenziwa ekhaya okanye eklasini.			
16. Abantwana abancinci mabakhuthazwe babhale/balingise ukubhala phambi kokuba baqale isikolo.			
17. Abazali akufuneki bazibandakanye kuphuhliso lokufunda nokubhala lwabantwana babo nanjengoko bengaqeqeshelwanga ubutitshala.			
18. Abazali abafumana ubunzima ekufundeni nasekubhaleni basenako ukunceda nokuxhasa ukufunda kwabantwana babo.			
19. Ukuba abazali bangadlala kunye nabantwana, bangakwazi ukubanceda abantwana ekucingeni nasekufundeni.			
20. Abantwana bafunda ngokulula kakhulu nangempumelelo kwindawo enothando nethembekileyo.			

Enkosi ngokugqibezela iphepha lemibuzo.